higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha lesibini)

NQF LEVEL 3

(4101233)

03 November 2020 (Y-paper)
13:00–15:30

Olu viwo lunamaphepha amane.

035Q2N2203

IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 150

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU.

   ICANDELO A: INGXELO:[50]

   ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE: [30]

   ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE: [20]

2. Phendula umbuzo ube mnye kwicandelo ngalinye.

3. Qala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Qwalasela ixesha ekuphenduleni imibuzo.

6. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A INGXELO

UMBUZO 1

Khetha umhlathi ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama ali-150-ukuya kuma-250.

1.1 **INGXELO**

Bhalela uMphathiswa wezeMpilo ingxelo malunga nomngcipheko wokosulelana kwabantu yiKhorona kwiindibano ezinabantu abaninzi abangayilandelanga imiqathango yokhuseleko.

OKANYE

1.2 **INGXELO**

Nika ingxelo kwiSebe lezeMfundo, kwisigqeba esilawula isikolo, (SGB) nakwi sigqeba sabafundi (SRC) ngendlela oluza kwenziwa ngayo ukhuseleko ezikolweni ukunqanda usuleleko kootitshala nabafundi yiCOVID-19.

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B IMIHLATHI EMIDE

UMBUZO 2

Khetha umhlathi ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama ali-120-ukuya kwi-150.

2.1 **I-AJENDA NEMIZUZU**

Ningabafundi bebanga likaLevel 3 beninentlanganiso apho benixoxa ngeenjongo zokucela iititshala ukuba zinifundise ngempela-veki. Njengonobhala bhala i-ajenda nemizuzu zale ntlanganiso.

OKANYE

2.2 **ISAZISO NE-AJENDA**

Ungunobhala wequmrhu labafundi esikolweni sakho. Bhala isaziso ne-ajenda zentlanganiso eniza kubanayo apho niza kube nixoxa ngemiceli-mngeni enijongene nayo ningabafundi ngeli xesha ligqugqiswa yiCOVID-19.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C IMIHLATHI EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Khetha umhlathana ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama angama-80-ukuya kwi-100.

3.1 **ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Uqeshwe kumzi mveliso owenza amafutha okuthambisa umzimba nobuso. Yenza isibhengezo-ntengiso ngamafutha obuso anciphisa ukushwabana kolusu.

OKANYE

3.2 **IPOWUSTA**

Bhala ipowusta wazise abahlali ngogonyo lweCOVID-19 oluza kwenziwa kwingigqi ohlala kuyo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100